


Ngu Mongameli  
Thomas S. Monson



# UMongameli Monson Ubizela Inkalipho

**K**unqabile ukuba iyure igqithe, uMongameli Thomas S. Monson uye waqaphela, kodwa nto nje yokuba sibizwa ukuba senze ukhetho lweentlobo ngeentlobo.

Ukwenza ukhetho oluhlakaniphileyo, yena wacebisa, sidinga inkalipho “inkalipho yokuthi hayi, inkalipho yokuthi ewe. Izigqibo zilungiselela ingomso.”<sup>1</sup>

Kwezi zicatshulwa zilandelayo, uMongameli Monson ukhumbuza Abangcwele Bemihla Yokugqibela ukuba badinga inkalipho yokumela inyaniso kunye nobulungisa, kwaye nokulwela into abakholelwa kuyo, kwaye bajongane nehlabathi elingafuni izinto ezixabiseke unaphakade kunye nemithetho-siseko.

“Ubizo lwenkalipho luza rhoqo komnye nomnye wethu,” watsho. “Kudala lunjalo, kwaye luzohlala lunjalo.”<sup>2</sup>

## Inkalipho Izisa Imvume kaThixo

“Sizojongana noloyiko, sibeyintlekisa, kwaye sihlangani nenkcaso. Sisonke masibe nenkalipho yokuphikisana nemvumelwano kawonke-wonke, inkalipho yokumela umthetho-siseko. Inkalipho, hayi yokuvumela iyantlukwantslukwano, izisa uncumo lwemvume kaThixo. Inkalipho iba sisidima esiphilayo kwaye esinomtsalane xa ibonwa hayi njengo mnqweno qha wokufa ngesithozela kodwa yokuzimisela ukuphila ngokunesidima. Njengoko siqhabela phambili, sizama kanzima ukuphila njengoko simele, ngokuqinisekileyo siyakufumana uncedo eNkosini kwaye singafumana intuthuzelo elizwini laKhe.”<sup>3</sup>

## Chasa Ngenkalipho

“Kuthetha ukuthini ukubambelela? Ndiyayithanda lenkcazelo: ukuchasa ngenkalipho. Inkalipho ingaba sisidingo sokuba ukholwe, ngamanye amaxesha iyakudingeka njengoko uthobela. Iyakudingeka kakhulu njengoko ubambelela kude kube loo mini xa uyakushiya lomhlaba umagad’ ahlabayo.”<sup>4</sup>

## Yibanenkalipho Yokumela Inyaniso

“[Wanga] ungaba nenkalipho yokumela ngokuzinzileyo inyaniso kunye nobulungisa. Ngokuba indlela yokuphila ekuhlaleni namhlanje ikude kwizinto ezixabisekileyo nemithetho-siseko iNkosi esinikeze zona, ngokuqinisekileyo uzakubizwa ukuba ukhusele oko okholelwa kuko. Ngaphandle kokuba iingcambu zobungqina bakho zityalwe ngokuzinzileyo, kuya kubanzima kuwe ukuba uchasane nentlekisa yabo bacela umngeni kukholo lwakho. Xa butyalwe ngokuzinzileyo, ubungqina bakho bevangeli, boMsindisi, kunye noBawo wethu oseZulwini buya kuchaphazela yonke into oyenzayo ebomini bakho bonke.”<sup>5</sup>

## Sidinga Inkalipho YoMoya kunye Nenyulu

“Imiyalezo eboniswa kumabona-kude, koobhanya-bhanya, nakwamanye amaqonga wosasazo [namhlanje] iyaphikisana ngqo nezinto esifuna abantwana bethu bazibambe kwaye bazixabise. Luxanduva lwethu hayi ukubafundisa kuphela ukuba babenzulu emoyeni nasemfundisweni kodwa kukubanceda bahlale benjalo, ngaphandle kokucinga

imimoya abangahlangu nayo. Oku kuya kudinga ixesha elininzi kunye nenzame kwindima yethu khona ukuze sancede abanye, nathi sidinga inkalipho yomoya kunye ne-nyulu ukumelana nobubi esibubonayo kumacala onke.”<sup>6</sup>

### Yanga Singahlala Sikhaphile

“Njengoko siqhubeka nokuphila imihla ngemihla, kuphantse kunganqandeki ukuba ukholo lwethu lucelwe umngeni. Ngamanye amaxesha singazifumana sirhangqwe ngabanye kwaye sime kwinqanaba elincinane okanye sime sisodwa malunga nento eyamkelekileyo kunye nento engamkelekanga. . . .

“Yanga singahlala sikhaphile kwaye silungele ukumela into esikholelwa kuyo, kwaye ukuba kufuneka sime sisodwa kwinkqubo, yanga singenza ngokukhalipha, somelezwe lulwazi lokuba ebunyanini asisoze sibe sodwa xa sime noBawo wethu Osezulwini.”<sup>7</sup>

### IZIKHUMBUZO

1. Thomas S. Monson, “The Three Rs of Choice,” *Liyahona*, Nkanga. 2010, 67, 68.
2. Thomas S. Monson, “The Call for Courage,” *Liyahona*, Canzibe 2004, 55.
3. Thomas S. Monson, “Be Strong and of a Good Courage,” *Liyahona*, Canzibe 2014, 69.
4. Thomas S. Monson, “Believe, Obey, and Endure,” *Liyahona*, Canzibe 2012, 129.
5. Thomas S. Monson, “May You Have Courage,” *Liyahona*, Canzibe 2009, 126.
6. Thomas S. Monson, “Three Goals to Guide You,” *Liyahona*, Nkanga. 2007, 118.
7. Thomas S. Monson, “Dare to Stand Alone,” *Liyahona*, Nkanga. 2011, 60, 67.

### UKUFUNDISA KULOMYALEZO

Ungacela abo ubafundisayo ukuba bacinge ngesimo esingenzeka kwiveki ezayo ekhayeni, emsebenzini, esikolweni, okanye ecaweni esiya kudinga ukuba benze ngenkalipho. Mhlawumbi bangajongana noloyiko, banyamezele into ebacela umngeni, bamele iinkolo zabo, okanye bagqibe ukuba bathobele umthetho-siseko wevangeli ngokupheleleyo. Bameme ukuba babelane ngeengcinga zabo okanye bazibhale phantsi.

## ULUTSHA

### USarah Womnye Umntu

Ngu McKenzie Miller

**N**dandidla ngokufumana ubunzima ukusebenzisa iinkolo zam njenge mpendulo kumbuzo olula onjengo kuba “Kutheni ungaseli ikofu? Kwilixa eladlulayo ndeza ubuxoki obunje “lyakakra kakhulu” okanye “Andithandi ukunambitheka kwayo.”

Kwakutheni ndandihlazele? Kwakutheni ndandisoyika ukumela into endiyikholelwayo? Xa ndijonga ngasemva ngoku, andiqondisisi ukuba yintoni endandiyoyika. Kodwa ndiyakhumbula ngokucacileyo xa ndandiyeka ukuzifihla emva kobuxoki.

Ngenye imini kwiklasi yam yesiNgesi kwisikolo samabanga aphakamileyo, umfundisi-ntsapho wazisa ukuba sasizokubukela isiqendu senkqubo kamabona-kude endandisazi ukuba kwakungamelanga ndisibukele. Ngelixa abanye abafundi babenemincili yovuyo, iqabane lam laseklasini uSarah waphakamisa isandla sakhe wacela ukuba angahamba.

Xa umfundisi-ntsapho wayebuzisa ukuba kutheni, uSarah waphendula ngokucacileyo, “Ngokuba ndiyiMormoni kwaye andibukeli imiboniso enezithuko.

Inkalipho yakhe yokuma phambi kwegumbi lokufundela yayimangalisa. Ndiyabulela kuSarah, namndaphakama ndamela ngaphandle ngengqondo enenasazela ukuba umboniso uphele.

Ndaguqulwa ngonaphakade. Ndaqala ukuchaza iinkolelo zam endaweni yokuba ndiwunqande lo umxholo. Kwaye njengesiphumo, ndafumana ukuzithemba kum kwaye ndathatha inxaxheba kakhulu eCaweni kunye nemisebenzi yesikolo.

Andizange ndaxelela uSarah ukuba umzekelo wakhe wawutsho ukuthini kum, kodwa ndizama ukulinganisa umzekelo wakhe wokuzithemba. Ngoku ndiyaqonda ukuba lilungu leBandla elingcwele likaThixo omangalisayo, akuyonto ekumele ukuba ndibeneentloni ngayo. Ndiyathemba ukuba ndingakwazi, ngomzekelo wam, ukuba nguSarah womnye umntu.

*Umbhali uhlala eUtah, USA.*

## ABANTWANA

### Inkalipho Kwizibhalo Ezingcwele

**U**Mongameli Monson usifundisa ukuba sibenenkalipho kwaye simele into esiyikholelwayo. Kunemizekelo emininzi kwizibhalo ezingcwele zabantu ababonisa inkalipho. Funda isibhalo esisecaleni kwegama ngalinye. Aba bantu bayibonise kanjani inkalipho kwakunye nokumela into ababeyazi ukuba ilungile? Ungabhala okanye uzobe umfanekiso weempendulo zakho.

Daniyeli (Daniyeli 6:7,10–23)

Estere (Estere 4:5–14; 5:1–8;7:1–6)

Samuweli uMlamanayite (Hilamani 13:2–4;16:1–7)

Joseph Smith (Joseph Smith History 1:11– 17)

© 2015 ngo Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kushicilelwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/14. Isivumelo Senguqulelo: 6/14. Inguqulelo ye *First Presidency Message, April 2015*. Xhosa. 12584 774



Ukholo, Usapho, Uncedo

# Iimpawu zikaYesu Krestu: Ngaphandle Kobugwenxa okanye Uhanahaniso

*Funda ngokuthandaza ezi zinto kwaye ucele ukwazi ukuba ungabelana ngantoni. Ukuqonda kabanzi ubomi neendima zoMsindisi kuza kulukhulisa kanjani ukhlo lwakho KuYe kwaye kuza kubasikelela kanjani abo ubagadisiweyo ngokubafundisa ngokubandwendwela? Ngenkcukacha ethe vetshe, yiya ku [www.reliefsociety.lds.org](http://www.reliefsociety.lds.org).*

*Le yinxalenye yothotho lwemiyalezo yokufundisa ngokuNdwendwela ibonisa iimpawu zoMsindisi.*

Ukuqonda ukuba uYesu Krestu akanankohliso kunye nohanahaniso kuzakusinceda ukuba sizame kakhulu ngokunyanisekileyo ukulandela umzekelo waKhe. Um-dala Joseph B. Wirthlin (1917-2008) weQumrhu LabaPostile Abalishumi Elinambini wathi: “Ukulukuhla kukukhohlisa okanye ukulahlekisa. . . . Umntu ongenankohliso ngumntu omsulwa, onengcamango enyanisekileyo, kunye neenjongo ezicocekileyo, obomi bakhe obubonisa isenzo esilula sokuhambiselana izenzo zakhe zemihla ngemihla nemithethosiseko yokunyaniseka. . . . Ndiyakhohlwa isidingo sokuba amalungu weCawe angabinankohliso singangxamisexa kakhulu ngoku kunamanye amaxesha ngokuba uninzi ehlabathini lubonakali lungakuqondi ukubaluleka kobu bumsulwa.”<sup>1</sup>

Ngobuhanahanisi, uMongameli Dieter F. Uchtdorf, Umcebisi Wesibini kuBongameli Bokuqala, wathi: “Akukho namnye wethu onjengo-Krestu ngendlela esazi ukuba simele sibengayo. Kodwa siyanqwena ngokwenene ukuba soyise iziphoso

zethu nomkhuba wokona. Ngentliziyo yethu nangomphefumlo wethu siyalangazelela ukuba sibengcono ngoncedo lweDini likaYesu Krestu.<sup>2</sup>

Siyazi “siyakugwetywa ngokwezenzo zethu, neminqweno yeentliziyo zethu, kunye nohlobo lwabantu esithe sabangabo.”<sup>3</sup>Nangona nje-ngoko sizama kakhulu ukuguquka, siyakuhlambuluka ngakumbi kwaye “Banoyolo abahlambulukileyo intliziyo; ngokuba baya kumbona uThixo bona”( Mateyu 5:8).

## **IziBhalo Ezongezelelweyo**

Iindumiso 32:2; Yakobi 3:17;  
1 Petros 2:1–2, 22

## **Okuvela kwiZibhalo eziNgcwele**

Abantwana abancinane abanankohliso. UYesu Krestu wathi: “Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli: ngokuba ubukumkani bukaThixo bubobabo banjalo. . . . Waza wabawola[abantwana], wazibeka izandla phezu kwabo, wamana ebasikelela.” (Marko 10:14, 16).

UKrestu kwaye walungiselela abantwana kwelaseMelika emva Kobethelelo lwaKhe Emnqamlezweni. Yena wayalela ukuba abantu bazise iintsana zabo kuYe kwaye

“baze bazibeka phantsi emhlabeni macala onke kuye, waza uYesu wema embindini; . . .

“ . . . [Kwaye] walila, kwaye isihlwele sinika ubungqina ngayo, waza wazithabatha iintsana zaso, nganye nganye, waza wazisikelela, waza wazithandazela kuBawo. . . .

Kwaye njengokuba sasikhangelela ukuze siqaphele saye saphosa amehlo aso ngasezulwini, kwaye . . . saza sazibona iingelosi zisihla ziphuma ezulwini ngokungathi kwakusembindini womlilo; zaza zehlela ezantsi zaza zazingqonga ezo ntsana ngapha nangapha, . . . kwaye iingelosi zaye zabalungiselela” (Nifayi 17:12,21,24).

## **IZIKHUMBUZO**

1. Joseph B. Wirthlin, “Without Guile,” *Ensign*, Canzibe 1988, 80, 81.
2. Dieter F. Uchtdorf, “Come, Join with Us,” *Liahona*, Nkanga 2013, 23.
3. *Handbook 2: Administering the Church* (2010), 1.2.1.

## **Cingisisa Ngoku**

Yintoni esingayifunda ngokungabina nkohliso kwiintsana? (Bona Guide to the Scriptures, “Guile.”)